

CAPS

maskew miller
learning 



Platinum

Izakhono zoBomi

L. Moodley, L. Shaw, C. Gleeson-Baird; Z. Mahomed

Platinum Izakhono Zobomi Ibanga 3 Incwadi Yomfundi

Maskew Miller Learning
10 Freedom Way, Milnerton, Cape Town, 7441

© Maskew Miller Learning (Pty) Ltd 2025

Onke amalungelo agciniwe. Akukho ngxenye yale ncwadi inokuthi iphinde yenziwe ngokutsha, iigcinwe koomatshini okanye isasazwe nangaluphi na uhlobo, okanye nangayiphi na indlela, eyombane, eyomatshini, eyokufota ikopi, eyokurekhoda, ngaphandle kwemvume ebhaliweyo efumaneka kwangaphambili yalowo unelungelo layo nongumniniyo.

Ukuba ufuna imvume yokwenza ngokutsha nayiphi na ingxenye yale ncwadi, xhumana neSebe lamaLungelo neMvume kule nombolo 021 532 6000 okanye ungathumela i-imeyile kwi: rightsgranting@mml.co.za Ukuxela ukophulwa kwamalungelo, nceda uthumele i-imeyile ku: copyright@mml.co.za

Ishicilelwe ngowama- 20XX

ISBN 978-1-779-83515-4
ePDF ISBN 978-1-834-99082-8

Umpapashi ngu: Allison Staals
Umhleli olawulayo ngu: Ru Bailey
Yahlelwa ngu: Nomxolisi Jantjies
Umhandle wencwadi uyilwe yi: MML Visual Design
Umfanekiso wekhava ngu: MML Visual Design
iNcwadi iyilwe yi: MML Visual Design
Imifanekiso ngu: MML Design Studio; Angie Bowring; Danielle Albertyn; Kate Boyes; David Isiguzo; Adelle van Zyl; Sinead Queiroz; Tamsin and Natalie Hinrichsen; Karien Barnes; James Berrangè and Rassie Erasmus
uMdbanisi wonobumba abaza kushicilelwa ngu: Lois & Wouter Reinders.
Ishicilelwe ngu:

Imibulelo

Umbhali kunye nomshicileli babulela aba balandelayo ngokusetyenziswa kwemifanekiso:
p185, Lakeview Images / Alamy; p193c, Science History Images / Alamy; p207b, katukphoto/123RF; p207f, hxdzby/123RF;

Shutterstock:

p6a, anto4ka; p6b, AlinaMD; p6c, Sanit Fuangnakhon; p16a, StudioBrandShop; p16b, Christos Georghiou; p16c, Yukhym Turkin; p16d, StudioBrandShop; p31, pongwit sanongboon; p34a, masa44; p34d, Mariana Serdynska; p42d, Scott Prokop; p81f, New Africa; p84b, Yasonya; p84c, Ivan Bruno de M; p84d, Nungning20; p84e, Pixel-Shot; p87, Brent Hofacker; p88a, Mironov Vladimir; p88b, Lenasirena; p88c, Africa Studio; p88d, s_oleg; p89b, digieye; p91a, Chase D>animull; p97a, Daniel Prudek; p97b, Chase D>animull; p97c, Vova Shevchuk; p97d, Eric Isselee; p97e, Indragiri83; p97f, Raphael Ruz; p97g, Elnur; p97h, Danut Vieru; 98a-b, Chase D>animull; p99a, Unless studio; p99b, Macronatura.es; p99c, shymar27; p100a, Alexander Sviridov; p100b, Chase D>animull; p105a, Andrei Mayatnik; p105b, HandintheBoxinc; p105c, Riccardo Zamboni; p105d, phichak; 106a, Holger Wulschlaeger; p106b, Photografiero; p106c, Kostiantyn Kravchenko; p106d, Subbotina Anna; p109a, Heinrich Dengi; p109b, chomplearn; p109c, eleonimages; p109d, Kwangmoozaa; p110a, Kostiantyn Kravchenko; p110b, shymar27; p116a, Nigel Jarvis; p116b, yuuuu; p117a, Kwangmoozaa; p117b, irin-k; p119, Kurit afshen; p138a, Pali Oleg; p138b, Brian McEntire; p138d, FabrikaSimf; p138g, revers; p138h, DenisNata; p147, Chase D>animull; p153a, saravuth; p153b, sergei kochetov; p153c, PeopleImages.com - Yuri A; p153d, Maksim Safaniuk; p155b, huang yi fei; p155c, Tratri; p155d, Tagwaran; p158b, victoras ; p158c, yusufdemirci ; p159a, Simply Amazing; p159b, ghrzuzudu; p159d, johavel; p162a, maksin_priestess; p162b, Real Vector; p162c, KRPD; p162d, Kaya Ra; p162e, parinya wetchasan; p163a, CinSol; p163b, OGdesign; p163c, AStudio-1; p165a, maksin_priestess; p165b, Real Vector; p165c, parinya wetchasan; p170a, Mr.anaked; p170b, NarisaFotoSS; p170c, Sander van der Werf; p170d, Roman Mikhailiuk; p174a, Karol Kozlowski; p174b, Kaca Skokanova; p174c, DigitalPen; p174d, TTstudio; p174f, Nikolay 007; p174g, gui jun peng; p181b, Anneka; p181c, Gorodenkoff; p183a, Karol Kozlowski; p183b, Grand Warszawski; p183c, Kobus Peche; p183d, Ground Picture; p183e, Lucian Coman; p183f, Andrus Ciprian; p183g, Food Impressions; p183h, Elena Babanova; p183i, Tatevosian Yana; p183j, Medical-R; p188, BEST-BACKGROUNDS; p192, sripfoto; p193a, DestinaDesign; p193b, Valery Shestopalov; p194a, Alan Freed; p194b, Artsiom P; p194c, Triff; p197, Andrei Armiagov; p200, BEST-BACKGROUNDS; p202a, Pitsanu Kraichana; p205a, iPreech Studio; p205b, Khakimullin Aleksandr; p205c, Tridsanu Thopet; p205d, Andreas Muth-Hegener; p206a; 208a, macrowildlife; p206b; 209a, MXW Stock; p206c; 209d, xpixel; p207a, Chairil Azmi; p207c, Thoha Firdaus; p207d, FarisFitrianto; p207e, Cavan-Images; p208b, Mironov Vladimir; p208c, lovelyday12; p210a, Chinedu Chime; p210b, Yngstrom; p210c, Tomasz Polaczyk; p210d, sinemmakinist; p210e, Drew McArthur; p212a, Mikayleigh Haarhoff; p212b, Nelson Antoine; p213, DC Studio; p214, Christian.dk; p216a, sinemmakinist; p216b, nednapa; p217a, Grey Zone ; p217b, Drew McArthur; p219a, Mikayleigh Haarhoff; p219b, SDubi; p223c, Viktor Kunz; p223e, Joe Gough; p224a, photomaster; p224d, Quang nguyen vinh; p224e, Anatoliy Berislavskiy; p224f, sanrayu; p225a, Jeroen van den Broek ; p225b, Svitlana Hulko; p225c, YAKOBCHUK VIACHESLAV; p230a, Viktor Kunz; p230b, photomaster; p230c, Oleksandr Lytvynenko; p230d, Svitlana Hulko; p230e, YAKOBCHUK VIACHESLAV; p231, Jeroen van den Broek



Wamkelekile kwindlela yethu entsha yokuFunda

Mfundi othandekayo,

Siyakwamkela kule ncwadi yokufunda ebangela umdla! Uya kudibana nabantu abamangalisayo; kanye njengokuba umntu ngamnye ebalulekile ngendlela yakhe, nawe ubalulekile!



Kulencwadi yakho eyonwabisayo kukho izinto ezizakukunceda ukonwabele ukufunda nokufundisisa.

Masiqale: Isihloko ngasinye siqala ngolwazi olubalulekileyo oza kufunda ngalo.

Izinto ozakuzonwabela: Imisebenzi eyonwabisayo ekukhuthaza ukuba uhlolisise iingcamango ezintsha, ufunde ngezinto ezibangela umdla kwaye usombulule iiphazili.

Amagama amatsha: Funda amagama amatsha aza kukunceda uphuchule indlela osithetha ngayo isiXhosa.

Makhe sijonge: Ukuze ukuvuyele oye wakufunda kule ncwadi, yenza umsebenzi osekupheleni kwesihloko ngasinye.

Uvavanyo: Qho emva kweenyanga ezintathu kuza kubakho uvavanyo, lokuhlola indlela oye wazivisisa ngayo izinto ezifundisiweyo

Le ncwadi izakukunceda ukwazi ukusebenza wedwa, nokusebenza namaqela. Uzakubanethuba lokucula nokudanisa ufunde ngaxeshanye. Qiniseka ngokulungiselela zonke iiklasi kwaye ubuze utitshala wakho imibuzo xa ungavisisi. Zimisele ukuba uzakufunda, udlale futhi wenze nabahlobo abatsha.

Ukonwabele ukufunda.

Isiqulatho

Ikota yoku 1

Isihloko soku-1 Okumalunga nam	1
Into oluyiyo uluhlu lweziganeko ezibalulekileyo ezilandelelana ngokokwenzeka kwazo	4
Uluhlu lwezehlo ezibalulekileyo zobomi bam	5
Into enika umdla yexesha lam langaphambili	6
Masikhangele	9
Isihloko sesi-2 Iimvakalelo	10
Izinto ezindonwabiso	12
Izinto ezindikhatshayo	13
Ukuqonda iimvakalelo	15
Iindlela ezilungileyo zokuvakalisa into esiyivayo	18
Uxolo – Indlela yokuthi uxolo	21
Masikhangele	25
Isihloko sesi-3 Ukhuseleko empilweni	26
Izenzo zoncedo lokuqala olusisiseko kwiimeko ezifana nokumongoza, ukulunywa zizilwanyana, imikrwelo nokutsha	28
Ukumongoza nokulunywa zizilwanyana	30
Imikrwelo nokutsha	31
Ezempilo ezisisiseko nezococeko	33
Masikhangele	41
Isihloko sesi-4 Ukugcina umzimba wam ukhuselekile	42
Asikhuselekanga kumntu wonke	44
Imithetho yokugcina umzimba wam ukhuselekile	47
Imithetho yokhuseleko yomzimba wam	47
Ukuthemba iimvakalelo zika ‘Ewe’ no ‘Hayi’	51
Indlela yokuthi ‘HAYI’ kulo naluphi uhlobo lokuphathwa gadalala	53
Indlela yokuxela ukuphathwa gadalala	55
Masikhangele	57
Isihloko sesi-5 Amalungelo namaxanduva	58
Amalungelo namaxanduva omfundi	60
Amalungelo namaxanduva abanye	61
Amalungelo namaxanduva ekhaya	62
Amalungelo namaxanduva esikolweni	64
Amalungelo namaxanduva kwindawo yam yoluntu	65
Amalungelo namaxanduva kokusingqongileyo kwethu	67
Iintsuku zenkolo nezinye iintsuku ezikhethekileyo ..	69
Masikhangele	73
Uhlolo olusesikweni Ikota yoku-1	74

Ikota yesi-2

Isihloko sesi-6 Ukutya okusempilweni	76
Amaqela okutya	79
Iivithamini – iziqhamo nemifuno	82
Iikhabhohayidrethi – isonka, umbona, imilimili	84
Iiproteni – amaqanda, iimbotyi neenqoba	88
Iideri – ubisi, itshizi neyogathi	90
Isondlo esinemilinganiselo echanekileyo yezixa zokutya	93
Masikhangele	95
Isihloko sesi-7 Izinambuzane	96
Iimpawu zezinambuzane	98
Izinambuzane ezohlukeneyo – ezifana nempukane, ingcongconi, imbovane, uqongqothwane	101
Zoba isinambuzane	102
Indlela ezisinceda ngayo izinambuzane	104
Indlela ezisenzakalisa ngayo ezinye izinambuzane	108
Izinambuzane eziyingozi	109
Masikhangele	110
Isihloko sesi-8 Imijikelo yobomi	112
Into oyiyo umjikelo wobomi	113
Umjikelo wobomi wesilwanyana esincancisayo	114
Umjikelo wobomi wesinambuzane	115
Umjikelo wobomi wesilwanyana esiphila emanzini nasemhlabeni	118
Unjikelo wobomi wesele	120
Umjikelo wobomi wentaka (inkukhu)	122
Umjikelo wobomi wenkukhu	123
Masikhangele	126
Isihloko se-9 Ukusetyenziswa kwakhona	128
Yintoni eyenzekayo kwinkunkuma yethu?	130
Ukusebenzisa ngokutsha	132
Ukusetyenziswa kwakhona	134
Ukunciphisa	136
Into engenakusetyenziswa kwakhona	138
Ukusebenzisa kwakhona ekhaya nasesikolweni	139
Ukwenza isivundiso ngezinto ezibolayo	140
Ukusebenzisa amanzi ngokutsha	143
Iintsuku zenkolo nezinye ezikhethekileyo	144
Masikhangele	146
Uhlolo olusesikweni	147

Ikota yesi-3

Isihloko se-10 Ukhuseleko	
kwiindawo zoluntu.....	150
Indawo ekuyingozi ukudlala kuzo.....	153
Ukukhwela oololiwe neeteksi	
ngokukhuselekileyo	156
ImiThetho yoKhuseleko	157
Ingozi zombane	158
Izinto eziyityhefu nezitshayo	160
Imiqondiso esilumkisa ngento	162
Masikhangele	164
Masikhangele	165
Isihloko se-11 Ungcoliseko.....	166
Yintoni ungcoliseko?	168
Iintlobo ezohlukeneyo zongcoliseko, umoya,	
amanzi, umhlaba, nengxolo.....	169
Iziphumo zongcoliseko ebantwini.....	171
Iziphumo zongcoliseko kokusingqongileyo	172
Masikhangele.....	173
Usuku lwesibhambathiso loMhlaba.....	173
Isihloko se-12 Indlela ababephila ngayo	
abantu mandulo	174
Amabali namava osapho oludala	
namalungu oluntu.....	176
Izinto ezazisetyenziswa lusapho oludala	
kunye namalungu oluntu	179
Imifanekiso neefoto zamandulo	181
Indlela ababephila ngayo abantu ngoko	
nangoku	183
Masikhangele.....	185
isihloko se-13 Emajukujukwini.....	186
Iinkwenkwezi neeplanethi – into eziyiyo	190
Amagama eeplanethi.....	192
Iitheleskopu	193
Ukutyelela emajukujukwini.....	193
Iisathelayithi nolwazi esilufumanayo	197
Iintsuku zenkolo kunye nezinye iintsuku	
ezikhethekileyo.....	199
Masikhangele.....	200
Uhlolo olusesikweni.....	201

Ikota yesi-4

Isihloko se-14 Iimveliso neenkqubo	202
Into esiyifumana kwizityalo.....	204
Inkqubo – Ukusuka eemwobeni	
ukuya eswekileni.....	205
Into esiyifumana eMhlabeni	206
Ukutshintsha – Ukusuka kudongwe ukuya	
eziteneni	207
Masikhangele.....	208
Isihloko se-15 Iintlekele nekufuneka	
sikwenzile.....	210
Iintlobo zentlekele	212
Esinye isehlo	215
Esinye isehlo	216
Masikhangele.....	219
Isihloko se-16 Izilwanyana nendalo	
eluncedo kuthi	220
Izilwanyana zisinika ukutya nempahla	222
Izilwanyana zisinika ukutya nempahla	224
Izilwanyana ezisisebenzelayo.....	225
Izilwanyana ezisisebenzelayo.....	226
Iintsuku zenkolo nezinye iintsuku	227
Masikhangele.....	230
Uhlolo olusesikweni.....	231
Amagama amatsha.....	232



Isihloko soku-1 Okumalunga nam



Molo, ndinguBuhle. Lusuku lwam lokuqala kwiBanga lesi-3 namhlanje.



Ndineminyaka eliThoba ubudala.



Lusapho lwam olu.




Umbala wam endiwuthandayo ngotyheli.

Masiqalise

Bhala phantsi igama nefani yakho.

1. Kokuphi ukutya okuthandayo?
2. Wazalelwa kweliphi ilizwe?
3. Ngowuphi umsebenzi owuthandayo?
4. Zoba umfanekiso wakho kunye nomhlobo wakho omthandayo.



Amagama
amatsha

oyithandayo – into oyithanda kakhulu

ilizwe – inxenye enkulu yomhlaba apho kuhlala khona iqela labantu kunye. UMzantsi Afrika lilizwe.



Umsebenzi woku-1



Zisebenzele ngokwakho.

Bhala izinto ezintlanu ezimalunga nawe ongabelana ngazo nomhlobo wakho omtsha.

Nalu uluhlu lokukunceda:

1. Ubudala bakho
2. Umhla wakho wokuzalwa
3. Isilwanyana sakho osithandayo
4. Into yokudlala oyithanda kakhulu.



Ixesha lokuphonononga

Hlalani ngesangqa phandle kwibala lenu lesikolo okanye eklasini yenu ukuba sikhona isithuba.

Yibani nesitya samatye amancinci embindini. Umdlali wokuqala uphosa ilitye emoyeni. Kwalo mdlali mnye uzama ukuthatha amatye amaninzi kangangoko anako, phambi kokuganga ilitye aliphosileyo. Ize ke ibe lithuba lomdlali olandelayo. Umdlali onamatye amaninzi uyaphumelela.



UBongani ufundisa abahlobo bakhe ukuba udlalwa njani *upuca*.

Into oluyiyo uluhlu lweziganeko ezibalulekileyo ezilandelelana ngokokwenzeka kwazo

Umsebenzi wesi-2




Sebenzani ngamaqela.

Yintoni uluhlu lweziganeko ezibalulekileyo ezilandelelana ngokokwenzeka kwazo?

Uyazikhumbula iintsuku ezibalulekileyo ebomini bakho?

1. Jonga imifanekiso. Xelani ukuba yintoni eyenzekayo kuwo ngamnye.
2. Thethani ngezinto ezikhethekileyo enizikhumbulayo ebomini benu.
3. Buzani umntu omdala ngento eyenzeka kudala. Bhalani phantsi izivakalisi malunga nesi siganeko.
4. Yabelana neklasi ngebali lakho.



Uluhlu lwezehlo ezibalulekileyo zobomi bam

Umsebenzi wesi-3



Zisebenzele ngokwakho:

1. Kwiposta, yenza uluhlu lwezehlo ezibalulekileyo ezilandelelana ngokokwenzeka kwazo. Jonga iposta engezantsi.
2. Uza kufuna ikhadibhodi, iipensile ezinemibala, iikhrayoni, isikere neglu ukwenza olwakho uluhlu lwezehlo ezibalulekileyo ezilandelelana ngokokwenzeka kwazo.
3. Ungasebenzisa iifoto zakho okanye wenze imizobo
4. Xa ugqibile, yabelana neklasi ngeposta yakho.



Usuku lwam lokuzalwa



Ukuphumelela umdlalo wam wokuqala webhola ekhatywayo



Ukukhwela ibhayisekile enkulu okokuqala

Usuku lwam lokuqala esikolweni



Ukubhiyozela iDiwali nosapho lwam



Ukufudukela kwindawo entsha



Amagama amatsha

Uluhlu lwezehlo ezibalulekileyo ezilandelelana ngokokwenzeka kwazo – into esiyisebenzisayo ukubonisa ukuba zenzeka njani izinto.

Isehlo – into eyenzekayo eza kwenzeka okanye eseyenzekile.

Into enika umdla yexesha langaphambili



Umsebenzi wesi-4



Zisebenzele ngokwakho

Ngqinelanisa into yakudala kunye nento yangoku.

1. Yenza uluhlu lwezinto ezintathu zakudala. Zingqinelanise nento yangoku.
2. Fumana into yakudala enika umdla yasekhaya. Cela umntu omdala ukuba akuncede. Bonisa iklasi yakho. Yixelele ngayo.

Amagama
amatsha

Kudala – ixesha elidlulileyo

Ngoku – ixesha esikulo ngoku


Enika umdla – into ofuna ukufumanisa ngayo, etsala ingqalelo yakho




Ixesha lokuphonononga

1. Zoba iphiramidi yaseYiphutha.
2. Bonisa ikhosi umfanekiso wakho.


Zoba iphiramidi




1




2




3



4



5



6

UmYiphutha – umntu ohlala kwilizwe laseYiphutha

IPhiramidi – isakhiwo esikhulu esakhiwa mandulo esimile njengonxantathu.

Amagama
amatsha

Masikhangele

Yenza iposta ka 'Malunga nam'.

Uza kufuna

ikhadibhodi isikere

iikhrayoni iglu

iimagazini

1. Yenza iposta malunga nawe. Iposta yakho kufuneka iquke okulandelayo:
 - a. Igama nefani yakho
 - b. Ifoto okanye umzobo wakho
 - c. Imifanekiso yezinto ozithandayo. Ezi inokuba zizilwanyana, imibala kunye nokutya okuthandayo. Ncamathisela le mifanekiso kwiposta yakho.
2. Yenza udliwanondlebe nomhlobo.
 - a. Bhala phantsi imibuzo emihlanu ofuna ukuyibuza umhlobo wakho.
 - b. Xelela iklasi into oyifumanise ngomhlobo wakho kudliwanondlebe.



Isihloko sesi-2 Iimvakalelo



Iimvakalelo luvakalelo olungamandla endiluva ngaphakathi kum.

Iimvakalelo zinokukwenza uzive wonwabile okanye ukhathazekile.

1




Iimvakalelo yindlela esiziva ngayo ngento.

2

Masiqalise

1. Ucinga ukuba ziintoni iimvakalelo?
2. Uziva njani xa uvuka phambi kokuba uye esikolweni?
3. Cinga ngexesha owawuziva wonwabile. Kwakwenzeke ntoni?
4. Ucinga ukuba intombazana nenkwenkwe abakumfanekiso woku-1 nowesi-2 baziva njani?



Igama elitsha

iimvakalelo – indlela aziva ngayo ngezinto ezenzekayo umntu

Izinto ezindonwabisayo

Umsebenzi woku-1



Sebenzani ngezibini.

Funda ibali elingezantsi. Bhala iimpendulo kwincwadi yakho yemisebenzi.

UZahara uneminyaka eli-9 ubudala. Uhlala efama nomama wakhe, utata noobhuti abangamawele. Abanamali ininzi, kodwa balusapho olusondeleneyo, olunothando.

Ngenye imini, uZahara waba nosuku olubi esikolweni. Babengafuni ukudlala naye abahlobo bakhe. Wacinga ngoku ngexesha awayesiya ngalo ekhaya evela esikolweni. Ukufika kwakhe ekhaya, wathetha nomama wakhe kwaye wabelana naye ngeemvakalelo zakhe. Waze ke waziva engcono kakhulu.

1. Zeziphi iimvakalelo ocinga ukuba waziva uZahara njengoko wayehamba esiya ekhaya evela esikolweni?
2. Kutheni kwakubalulekile kuye ukuba athethe nomntu ngeemvakalelo zakhe?
3. Leliphi icebo ocinga ukuba wamnika lona umama kaZahara ukumenza azive ngcono?

Izinto ezindikhathazayo

Umsebenzi wesi-2



Sebenzani ngamaqela.

1. Jonga umfanekiso.
 - a. Kwenzeka ntoni emfanekisweni?
 - b. Ukwenza uzive njani umfanekiso ngamnye?
 - c. Ukuba ubunguEthan, yintoni obungayenza ukuze uzive ngcono?
 - d. Yabelana neklasi ngeempendulo zakho.



UEthan, esenza intetho phambi kweklasi.

Zisebenzele ngokwakho.


2. UEthan ngumhlob wakho osenyongweni. Uziva ukhathazekile kuba engonwabanga. Mbhalele ileta ukumbonisa ukuba uyakhathala. Bhala izinto ezintle ukumenza azive ngcono.



Ixesha lokuphonononga

Sebenzani ngamaqela.

Jonga imifanekiso.




I. Ngqinelanisa iileyibhile ezichanekileyo nemifanekiso. Bhala inombolo yomfanekiso kunye neleyibhile kwincwadi yakho yemisebenzi.

- | | |
|-----------------------------|--------------------------|
| a. Usapho olunothando | e. Abahlobo abalungileyo |
| b. Ingxabano yosapho | f. Ukusokola esikolweni |
| c. Ukwenza into oyithandayo | g. Inxenye yeqela |
| d. Ukushiywa | h. Ukugculelwa |

Ukuqonda iimvakalelo

Funda into abayitshoyo abantwana malunga neemvakalelo ezahlukeneyo.



Ndinga ukuba uloyiko kukuziva usoyika, njengexesha lesiphango.

Umsindo kukuziva ucaphuka okanye ukhathazekile, njengaxa umntu ethatha izinto zakho.

Isithukuthezi kukuziva ungonwabanga kuba uwedwa, njengaxa ushiyiwe.

Ukukhathazeka kukucinga kakhulu ngento ongenawukwazi ukuyilawula, njengaxa ubhuti wakho engalufundeli uvavanyo lwakhe.

Umsebenzi wesi-3

Sebenzani ngamaqela.

1. Cacisa ukuba uziva njani ngaphakathi xa wonwabile, ukhathazekile, unomsindo, usoyika, uxhalabile okanye unesithukuthezi.
2. Buba njani ubuso nomzimba wakho xa uziva wonwabile, ukhathazekile, unomsindo, usoyika, uxhalabile okanye unesithukuthezi?
3. Yintoni ekwenza wonwabe, ukhathazeke, ube nomsindo, woyike, uxhalabe okanye ube nesithukuthezi?
4. Khetha enye yeemvakalelo. Kwincwadi yakho yemisebenzi, yenza umfanekiso owenziwe ngamaphetshana emifanekiso namagama ukubonisa oko kuvakalelwa.

Umsebenzi wesi-4



Sebenzani ngezibini.

Jonga imifanekiso uze ufunde izivakalisi.



1

Ndiziva ngathi ndifuna ukutswina kwaye ndikhwaze. Ubuso nomzimba wam ziba shushu. Ndiziva ngathi ndifuna ukwenzakalisa umntu okanye ndiphose into.



2

Intliziyo yam ibetha ngokukhawuleza kwaye ndiyabila, nasezandleni zam na. Ngamanye amaxesha ndiziva ndishwabene, ngokungathi andikwazi ukushukuma okanye ukuthetha.



3

Ndicinga ngokwenzeka kwezinto ezimbi. Kunokuba nzima ukuzilawula iingcinga zam ezimbi. Ndiziva ngathi ndinguloliwe okhawulezayo ongeke eme.



4

Ndiziva ndinesithukuthezi, ngokungathi ndingumntu ekukuphela kwakhe owaziyo ukuba ndiziva njani. Ndiyakukhumbula ukuba nabanye abantu ukuze bandincede.

- I. Ngqinelanisa iileyibhile nemifanekiso neenkcazelo. Bhala inombolo yomfanekiso kunye neleyibhile kwincwadi yakho yemisebenzi.
 - a. Isithukuthezi
 - b. Umsindo
 - c. Ukukhathazeka
 - d. Uloyiko

2. Yintoni ongayongeza kwiinkcazelo zesithukuthezi, umsindo, ukukhathazeka noloyiko?
3. Uziva unesithukuthezi, unomsindo, ukhathazekile okanye usoyika nini?



umfanekiso owenziwe ngamaphetshana – iposta leyo uncamathisela kuyo izinto ezohlukeneyo kwiphepha okanye kwikhadibhodi, ezifana neefoto, imifanekiso namagama

Iindlela ezilungileyo zokuvakalisa into esiyivayo



Ixesha lokuphonononga

Funda icebo malunga neendlela ezilungileyo zokuvakalisa iimvakalelo ezahlukeneyo.

1




Xa uziva unomsindo:
Phefumla ngokucothayo,
nzulu ukuzolisa ingqondo
nomzimba wakho.

**Cinga ngokuba kutheni
uziva unomsindo.**

Bala ngokucothayo uye
kwi-10. Uze wenze isigqibo
ngokuzolileyo sokuba yintoni
elandelayo omawuyenze.

2



Xa uziva usoyjika:
Phefumla ngokucothayo,
nzulu ukuzolisa ingqondo
nomzimba wakho.
Cinga ngokuba kutheni
uziva usoyjika. Ingaba
yintsongelo yokwenyani,
okanye uyacingela?
Thetha kakuhle nawe. Yithi:
"Ndingamelana noku."

3



Xa uziva unesithukuthezi: Jolisa kwinyathelo elinye ngexesha. Cwancisa ukuba uzisombulula njani na iingxaki zenyathelo ngalinye. Thetha ngezinto ezikukhathazayo nomntu omthembayo.

Xa uziva ulilolo: Thetha ngeemvakalelo zakho nomntu omthembayo. Zama ukuba sebantwini abakwenza uzive ngcono.



4

Bhala malunga neemvakalelo zakho kwijenali.

1. Ingaba ucinga ukuba abantu abangentla bakunike icebo elilungileyo malunga nendlela yokuvakalisa iimvakalelo ezahlukeneyo?
2. Yeyiphi enye indlela ongavakalisa ngayo iimvakalelo zakho ngokukhuselekileyo xa uziva unomsindo, usoyika, ukhathazekile okanye unesithukuthezi?

Amagama amatsha

icebo – xa umntu ekunika uluvo okanye ingcebiso yokwenza izinto zibe lula okanye zibe ngcono

ijenali – incwadi ekhethekileyo ongabhala kuyo iingcinga zakho, iimvakalelo nezimvo

Umsebenzi wesi-5



Zisebenzele ngokwakho.

Zenzele eyakho ijembali yeemvakalelo.

1. Kwijembali yakho, zoba umfanekiso wobuso obonisa indlela oziva ngayo namhlanje.
2. Bhala izivakalisi ezihlanu malunga nokuba kutheni uziva ngale ndlela.
3. Bhala phantsi iindlela ezo ungavakalisa ngazo into oyivayo ezingeke zibe nabungozi kuwe okanye kwabanye abantu.



Ixesha lokuphonononga

Dlalani imidlalo yeemvakalelo.

1. Bhalani amagama eemvakalelo ezohlukeneyo kwisiqwenga sekhadibhodi okanye sephepha.
2. Beka amakhadi kwiphepha elisongiweyo kwibhokisi efakwe ileyibhile ethi Iimvakalelo.
3. Tshintshisanani ukuthatha ikhadi ebhokisini.
4. Jonga ikhadi lakho, kodwa lifihle ukuze lingaliboni iqela lakho.
5. Dlala imvakalelo esekhadini lakho. Awunakuthetha.
6. Qikelela ukuba yeyiphi imvakalelo ayidlalayo umntu ngamnye.
7. Angayivakalisa ngendlela elungileyo kanjani umntu imvakalelo?

Wonwabile

Uyoyika

Uhluphekile

Unomsindo

Unesithukuthezi

Ukhathazekile

Uxolo – Indlela yokuthi uxolo

Funda malunga nenkqubo yoxolo.

Inkqubo yoxolo

Xa sisenza impazamo kwaye sonzakalise iimvakalelo zomntu, kubalulekile ukucela uxolo. Ukuba uboleka ibhola yesoka yomhlobo wakho ize igqabhuke ngengozi, kufuneka ucele uxolo. Uxolo lubonisa ukuba uyaqonda ukuba wenze into engalunganga. Lubonisa kananjalo ukuba uyikhathalele indlela aziva ngayo umhlobo wakho. Ukucela uxolo kukuthatha inyathelo lokulungisa ingxaki oyidalileyo.

Inkqubo yokucela uxolo inamanyathelo amahlanu.



1 Ukuyichonga ingxaki



2 Yithi ndicela uxolo



3 Yenza into elungileyo ukulungisa ingxaki.



4 Yamkela uxolo



5 Qhubeka

Umsebenzi wesi-6



Sebenzani ngamaqela.

1. Cinga ngemeko apho wenze impazamo ekufuneka uyicelele uxolo.
2. Cacisa ukuba unokuyilandela njani inkqubo yoxolo ukuze uthi uxolo.

uxolo – ukuthi uxolo ngento oyenzileyo eyonzakalise umntu

lungisa impazamo – ukwenza into njengendlela yokulungisa ngokwenzakalisa umntu



Ixesha lokuphonononga

1. Cinga ngexesha owenza ngalo impazamo, kwaze kwafuneka uyicelele uxolo.
2. Bhala ileta usebenzisa inkqubo yoxolo usithi ucela uxolo. Sebenzisa iingcebiso ezingezantsi ukukunceda.

Othandekayo

I. Ukuyichonga ingxaki

- a. Cacisa into eyenzekileyo.
- b. Ngubani obebandakanyeka?

- c. Yenzeke nini kwaye phi?
- d. Yeyiphi impazamo oyenzileyo?

2. Yithi ndicela uxolo

- a. Cela uxolo lwento oyenzileyo engalunganga.

Ungathi:

Uxolo kakhulu ngo (into oyenzileyo). Bendingafuni (ukwenzakalisa iimvakalelo zakho / ukukwenza ukhathazeke / ukulibala ngawe).

- b. Yithathele uxanduva into engalunganga oyenzileyo.

Ungathi:

Bekufanele ukuba ndinonophele ngokungaphaya. / Bekufanele ukuba ndigacingeli mna ndedwa. / Bekufanele ukuba ndikufakile.

- c. Bonisa ukuba uyaziqonda iimvakalelo zabo.

Ungathi:

Ndiyaqonda ukuba inoba uzive (ukhathazekile ungonwabanga/unomsindo) kuba (cacisa ukuba ngoba).

3. Yenza into echanekileyo ukulungisa impazamo

- a.** Cacisa into oyenzayo okanye oyenzileyo ukulungisa ingxaki oyidalileyo.
- b.** Xela ukuba uza kuyilungisa njani na impazamo yakho.

4. Yamkela uxolo

- a.** Cela umntu ukuba alwamkele uxolo lwakho.
- b.** Bonisa ukuba utsho ngentliziyo yakho yonke xa usithi uxolo.

5. Qhubeka

- a.** Thembisa ukwenza ngcono kwixesha elizayo.

Ungathi:

Ndiyathembisa ukuba (yitsho into oza kuyenza kwixesha elizayo).

- b.** Cacisa into onethemba lokuba iza kwenzeka kwixesha elizayo.

Ungathi:


Ndiyathemba ukuba singaba ngabahlobo kwakhona kwaye sonwabe kunye njengoko besiqhele ukwenza njalo.

Ozithobileyo / Umhlobo wakho

(Igama lakho)

Masikhangele

1. Yenza ivili leemvakalelo elifana nelo lingezantsi kwincwadi yakho yemisebenzi.



2. Zoba umfanekiso ukubonisa ukuba yeyiphi imvakalelo kwinxenye nganye yevili. Bhala ileyibhile ngentla komfanekiso.
3. Bonisa umhlobo wakho ivili lakho lemibala uze ukhangele elakhe.



Isihloko sesi-3 Ukhuseleko empilweni



Amagama
amatsha

ucoceko – indlela esikhathalela ngayo imizimba yethu kwaye siyigcine icocekile

ukhuseleko – ukuzigcina ukhuselekile kuyo nantoni na enokukwenzakalisa

ukhuseleko empilweni – ukugcina impilo yakho ikhuselekile ekonzakaleni

Masiqalise

1. Ingaba wake wazenzakalisa? Ngubani owakukhathalelayo?
2. Ingaba wake wanceda umntu ozenzakalisileyo? Wamnceda kanjani?
3. Siyigcina njani icocekile imizimba yethu?
4. Yabelana ngemithetho ethile yococeko oyaziyo.



Umsebenzi woku-1



Sebenzani ngamaqela.

1. Jongani imifanekiso. Thethani ngento eboniswa yimifanekiso.
2. Dlalani imidlalo.
Dlalani into eniyenzayo ukuze nicoceke ngexesha lasemini, umzekelo ukuxukuxa.
Ninokudlala kananjalo ukuba umnceda njani umntu owonzakeleyo.
Ngumntu omnye odlalayo. Uninzi lweqela kufuneka luqikelele ukuba yintoni.
Qinisekani ukuba wonke umntu ufumana ubuncinci bemijikelo emibini.
3. Lungisani into enokudlalwa liqela lakho niyidlalele iklasi.

Izenzo zoncedo lokuqala olusisiseko kwiimeko ezifana nokumongoza, ukulunywa zizilwanyana, imikrwelo nokutsha

Kubalulekile ukwazi ngoncedo lokuqala. Ukuze ke sibe nokunceda umntu ngokukhawuleza ukuba uyenzakala okanye unomonzakalo. Kufuneka sazi ukuba siwunyanga njani kakuhle umonzakalo. Kungenjalo, singawenza ube mandundu.

Umsebenzi wesi-2

Zisebenzele ngokwakho.

1. Khetha iileyibhile ezichanekileyo ebhokisini engezantsi ngezinto ezikwikiti yoncedo lokuqala.

isikere iithwiza iibhandeji
iiglavu iiplasta iiphedi

2. Bhala inani neleyibhile kwincwadi yakho yemisebenzi.



Amagama
amatsha


nceda – nikisa ngoncedo

uncedo lokuqala – into yokuqala ekufuneka uyenze ukunceda umntu owonzakeleyo phambi kokuba kufike ugqirha okanye umongikazi

beka into endaweni yayo – ukubuyisela into obuyisebenzisile



Ixesha lokuphonononga



Mhlawumbi awunayo ikiti yoncedo lokuqala kwikhaya lakho. Endaweni yayo, unokuba unebhokisi okanye indawo ekhethekileyo ogcina kuyo yonke into oza kuyifuna xa kukho umntu owenzakelayo. Soloko uqinisekisa ukuba le bhokisi igcinwa kwindawo enye. Yibeke apho oobhuti noosisi bakho abancinci bangeke bafike kuyo.

1. Zoba umfanekiso weyakho ikiti yoncedo lokuqala kwincwadi yakho yemisebenzi.
2. Xeleta umhlobo wakho ukuba yintoni ekwikiti yakho yoncedo lokuqala kunye nokuba uyisebenzisela ntoni.
3. Mamela xa umhlobo wakho ekuxelela ukuba yintoni ekwikiti yakhe yoncedo lokuqala kunye nokuba uyisebenzisela ntoni.

Ukumongoza nokulunywa zizilwanyana

Zola uze uhlale nkqo intloko yakho igobele phambili. Cudisa ilungu elithambileyo lempumlo yakho imizuzu eli-10 okanye de kuyeke ukopha. Phefumla ngomlomo.

Enkosi, Makhulu. Ngoku ndiyazi ukuba ukuyekisa njani ukumongoza.



1

Umfanekiso woku-1: Indlela yokuyekisa ukumongoza



Enkosi, Nkskz. Ndlovu, ngokundinceda ngesilonda sokulunywa yinja.

2

Umfanekiso wesi-2: Ukujongana nesilonda sokulunywa yinja

Umsebenzi wesi-3



Zisebenzele ngokwakho.

1. Bhala phantsi amanyathelo ekufuneka uwalandele ukuyekisa ukumongoza.
2. Jonga uMfanekiso wesi-2. Bhala phantsi zonke izinto ezikwikiti yoncedo lokuqala kaNkskz. Ndlovu.

Imikrwelo nokutsha

Imikrwelo

Umkrwelo kuxa isikhumba sakho sisonzakala size sivuleke. Ungafumana umkrwelo xa usebenzisa imela okanye isikere. Kunokuba buhlungu kwaye unokubona igazi.

Kufuneka ungaze uliphathe igazi lomnye umntu.



Umsebenzi wesi-4



Zisebenzele ngokwakho.

1. Bhala kwakhona amanyathelo okunyanga imikrwelo ngokulandelelana okuchanekileyo kwincwadi yakho yemisebenzi.

Indlela yokunyanga imikrwelo

1. Beka iplasta okanye ibhandeji.
2. Hlamba izandla zakho.
3. Cinezela ilaphu elicocekileyo ukuyekisa ukopha.
4. Coca umkrwelo phantsi kwamanzi aqukuqelayo.
5. Sebenzisa iiglavu ukuba unceda omnye umntu.
6. Tshiza ngesitshizi esibulala iintsholongwane.

7. Sula indawo yome ngetawuli ecocekileyo.
8. Xelela umntu omdala.

Izilonda zokutsha

Isilonda sokutsha kuxa isikhumba sisonzakaliswa yinto eshushu kakhulu. Oko kunokwenzeka xa uphatha isitovu, amanzi ashushu okanye idangatye. Izilonda zokutsha ixesha elininzi zenza amadyunguza. Kunokuba buhlungu kakhulu.

Indlela yokunyanga izilonda zokutsha

1. Xelela umntu omdala.
2. Bamba indawo leyo phantsi kwamanzi aphilileyo malunga nemizuzu eli-10.
3. Yogquma isilonda sokutsha ngebhandeji lezilonda zokutsha.
4. Yiya kwagqirha ukuba kumandundu.

Ungakwenzi oku:

1. Ungasebenzisi umkhenkce okanye amanzi anomkhenkce.
2. Ungasebenzisi ikhrim okanye amafutha ezandla okanye omzimba. Oku kunokubanga ukuba kungene iintsholongwane ngaphakathi.
3. Ungawagqabhuzi amadyunguza. Amadyunguza akhusela umzimba kwiintsholongwane.

idyunguza – xa isikhumba sitshile, senza iqamza



Umsebenzi wesi-5



Sebenzani ngezibini.

1. Fundani ibali kunye.

UMae uya endlini ka-Amy eyokudlala naye. UAmy uthi uza kubenzela iti. Uyakhangela ukuba akhona na amanzi eketileni. Ulayita iketile ke. Ukhupha iikomityi ezimbini. Yakubila iketile, uAmy uzama ukugalela amanzi ashushu ekomityini. Iketile iyawa. Amanzi abilayo atshisa ingalo ka-Amy. Uyaqala uyakhala. Kukho ibala elikhulu elibomvu engalweni yakhe.

2. Phendula imibuzo kwincwadi yakho yemisebenzi.

- a. Kwakwenzeke ntoni?
- b. UMae angamnceda njani uAmy?
- c. Yintoni ekufuneka ayenze kuqala uMae?
- d. Kwincwadi yakho yemisebenzi, bhala phantsi izinto ezintathu uAmy ekufuneka angazenzi.

Ezempilo ezisisiseko nezococeko

Impilo ithetha ukugcina umzimba wakho womelele kwaye uziva kakuhle. Ucoceko kukuhlala ucocekile ukugcina iintsholongwane kude ukuze sihlale sisempilweni.

Nantsi imithetho ethile yezempilo neyococeko.



Ungaliphathi igazi labanye abantu. Faka iiglavu.



Hlamba izandla zakho rhoqo.



Shawara okanye uhlambe kanye ngemini.



Yogquma umlomo wakho xa uthimla okanye ukhohlela.

Umsebenzi wesi-6



Zisebenzele ngokwakho.

Bhala iimpendulo kwincwadi yakho yemisebenzi.

1. Yintoni ekufuneka siyenze xa sithimla?
2. Yintoni oyenzayo ukugcina umzimba wakho ucocekile? Bhala phantsi izivakalisi ezithathu.
3. Yenza uluhlu lokukhangela onokulusebenzisa yonke imihla.

Kufuneka uhlambe izandla zakho:

- a. ngaphambi nasemva kokutya
- b. phambi kokunceda umntu ozenzakalisileyo
- c. emva kokusebenzisa indlu yangasese
- d. phambi kokulungisa nokupheka ukutya
- e. emva kokulahla inkunkuma
- f. emva kokuphatha izilo qabane okanye ezinye izilwanyana
- g. emva kokufinya.

Umsebenzi wesi-7



Sebenzani ngezibini.

1. Thethani malunga naxa kubalulekile ukuhlamba izandla zakho.
2. Jonga imifanekiso. Ngqinelanisa izivakalisi ezingasentla kwimifanekiso ekwiphepha lama-36.
3. Bhala inombolo yomfanekiso kunye nesivakalisi esichanekileyo ecaleni kwawo kwincwadi yakho yemisebenzi.

uluhlu lokukhangela – uluhlu lwazo zonke izinto ekufuneka uzenze ukuze ungalibali elinye lamanyathelo



Ixesha ledinala!

1



2



3



4



5



6



7



Umsebenzi wesi-8



Sebenzani ngezibini.

1. Beka la manyathelo ngokulandelelana okuchanekileyo ukubonisa indlela ozihlamba ngayo izandla zakho.
2. Bhala kuphela oonobumba kwincwadi yakho yemisebenzi.

Indlela yokuhlamba izandla zakho

- a. Sebenzisa ibrashi yeenzipho nesepha ukukhuhla phantsi kweenzipho zakho.
- b. Sula izandla zakho ngetawuli ecocekileyo okanye ngetawuli yephepha.
- c. Pula ususe isepha ezandleni zakho usebenzisa amanzi ashushu.
- d. Manzisa izandla zakho ngamanzi ashushu.
- e. Khuhla kunye izandla zakho kakuhle ubuncinane imizuzwana engama-20 ukususa iintsholongwane. Hlamba izandla zakho ngaphambili nangasemva naphakathi kweminwe yakho.
- f. Khuhla isepha ezandleni zakho, okanye ucudisele isepha elulwelo ezandleni zakho.

isilonda – xa uzenzakalisile size sikrweleke okanye sisikeke isikhumba sakho



Izinto ekufuneka singazenzi



A

Izinto ekufuneka sizenze



B

okuchithekileyo – into oyiwise ngempazamo

Igama elitsha

Izinto ekufuneka singazenzi




1

Izinto ekufuneka sizenze



2



3



4

Umsebenzi we-9

Sebenza ngamaqela.

1. Jonga umfanekiso B kwiphepha lama-38. Kutheni kufanele sisule into echithekileyo?
2. Xoxa ngokwenzeka kwimifanekiso 1-4 kwiphepha lama-39.
3. Ngqinelanisa intetho ehambelana nomfanekiso ngamnye.
 - a. Hlamba iziqhamo ngaphambi kokuba uzitye.
 - b. Ungakutyi ukutya okuwe phantsi.
 - c. Ungahambi ungazinxibanga izihlangu.
 - d. Hlala unxibe iimpahla ezilungele ngaphandle kwaye usele amanzi.
4. Ubungenza njani ukuba ubuwise iidiliya phantsi? Ngoba?

Masikhangele

1. Yitsho ukuba izivakalisi ezilandelayo **ziyinyani** okanye **aziyonyani**. Bhala inani kunye **noyinyani** okanye **ayiyonyani** kwincwadi yakho yemisebenzi.
 - a. Kufuneka uxukuxe kabini ngemini.
 - b. Ukuba uyamongoza, kufuneka ulale phantsi.
 - c. Kufuneka ubeke ikhrim okanye amafutha ezandla okanye omzimba kwisilonda sokutsha.
 - d. Kufuneka uhlambe izandla zakho imizuzwana emi-5 kuphela.
 - e. Kufuneka ushaware okanye uhlambe kanye ngeveki.

2. Bhala isivakalisi esinye malunga nenqaku ngalinye kulandelelwano:
 - a. Ukhuseleko empilweni
 - b. Uncedo lokuqala olusisiseko
 - c. Into omawuyenze xa umntu emongoza
 - d. Into omawuyenze xa umntu elunywe sisilwanyana
 - e. Indlela yokunyanga umkrwelo
 - f. Ezempilo ezisisiseko nococeko





ngakhuselekanga – ukungakhuseleki
khuseleka – zigcine ukhuselekile
umntu wasemzini – umntu ongamaziyo
ingxakeko – imeko apho into iye ayalunga uze ufune uncedo